ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Patricia van Niekerk**
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za | 021 467 2171

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 27/12
Isalathiso: 20240902-6420

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu, nakooSihlalo bamabhunga olawulo

**Isihloko: Ukuqaliswa kokusetyenziswa kwesiliphu sempendulo *(reply slip)* esibubungqina bokungeniswa kwesicelo sendawo yokufunda**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe *iWCED*) lazisa ngokusetyenziswa kwesiliphu sempendulo esibubungqina bokungeniswa kwesicelo sendawo yokufunda esiqhotyeshelwe apha, emasinikwe abantu jikelele, njengobungqina bokungeniswa kwesicelo sendawo yokufunda esiliphepha eliprintiweyo esikolweni, kwisithili okanye kwaNdlunkulu.

2. Abasebenzi bezolawulo/becandelo lokwamkelwa kwabafundi ezikolweni, kwizithili nakwaNdlunkulu bayacelwa baqinisekise ukuba umzali/umgcini/umnonopheli ngamnye ongenisa ifom yesicelo sendawo yokufunda eza kufakwa kwikhompyutha usinikiwe esi siliphu sempendulo.

3. Igama nefani yegosa okanye kamabhalana wezolawulo othathe ifom malibhalwe kwisiliphu sempendulo.

4. Isiliphu sempendulo masifakwe isitampu esibhalwe umhla nokuba sesesikolo/sesesithili/seseSebe *iWCED*.

5. Yonke imibuzo emalunga nokwamkelwa kwabafundi inako ukuthunyelwa ngqo kwiNtloko yoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko okanye kumphathi wesekethe ochaphazelekayo kwisithili ngasinye.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

6. Kucelwa ukuba nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-A MEYER
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO**
**UMHLA:** 2024-09-18